Isifundo 12

**Juni 10–16*

Imini YeNkosi

Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:
2 Pet. 3:1, 2; Yohane 21:15–17; 2 Pet. 3:3–13; Ndumiso 90:4; Mat. 24:43–51; 2 Pet. 3:14–18.

Indima Yenkumbulo:
"Xa ke eli phakade liza kutshabalala kanje, ngaba kufuneka nithini nina? Kufuneka nizinikele ngokupheleleyo, niphile ubomi obunyulu" (2 Petros 3:11, IBHAYIBHILE).

Kwizizukulwana ezadlulayo, abantu abangakholelwayo kuThixo babebonwa njengabanganyanisekanga, bade babe nobungozi. Kuba kutheni? Ingcamango yayilula: ukuba babengakholwa kuThixo, babengakholwa ukuba kukho umgwebo nanini kwixesha elizayo apho kwakuza kufuneka baphendule phambi kwaKhe ngezenzo zabo. Ngaphandle kwale nkuthazo, abantu bakekelela kakhulu ekwenzeni okubi. Nangona ingcinga enjalo noko iyeyakudala (kwaye "ingalunganga ekucingeni kakuhle") namhlanje, umntu akakwazi ukukuphikisa ukubekelela kokucinga nokuzathuza okuhamba nayo. Phofu ke, abantu abaninzi abadingi koyika umgwebo ozayo ukuze benze okulungileyo. Kwangelo xesha linye, ingcamango yokuphendula kuThixo, ngokuqinisekileyo, inako ukukhuthazela ekuziphatheni okulungileyo. Njengoko sibonile, uPetros wayengoyiki ukulumkisa ngomgwebo abenzi bobubi abaza kujongana nawo phambi kukaThixo, kuba iBhayibhile icacile ukuba umgwebo onjalo uza kubakho. Kule ndawo, uPetros uthetha ngokuthe ngqo ngemihla yesiphelo, umgwebo, ukubuya kwesibini kukaYesu, kunye nexesha xa ziya kuthi "iziqalelo zitshe" (2 Pet. 3:10). UPetros wayesazi ukuba sonke singaboni, ngoko ke, xa sijongene neziphumo ezinjalo, uyabuza athi: "Nimele ukuba ngabanjani na ngeehambo ezingcwele nokuhlonela uThixo?" (2 Pet. 3:11).

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Juni 17.*

Ulandelelwano Lwegunya

UPetros walumkisa abafundi bakhe ngohlobo lweemfundiso eziyingozi ibandla elaliza kujongana nazo. Walumkisa ngakwabo bathi, nangona bethembisa inkululeko, koko bakhokelele abantu emva ebukhobokeni besono, into echasene nenkululeko esiyithenjiswe kuKristu. Ngelishwa, le yayingekuphela kwemfundiso yobuxoki eyayiza kuba phambi kwebandla. Enye eyingozi yayiza kubakho. Noko kunjalo, phambi kokuba uPetros afike kwesi silumkiso sikhethekileyo, uthetha enye into kuqala.

"Ngoku ndinibhalela, zintanda, le ncwadi iyeyesibini, endithi kuzo zombini ndiyivuselele ingqondo yenu engcwengekileyo ngokunikhumbuza; ukuba niwakhumbule amazwi abethethiwe ngenxa engaphambili ngabaprofeti abangcwele, nawo umthetho wabapostile bethu beNkosi uMsindisi" (2 Pet. 3:1, 2).

Yingongoma ethini ayenzayo apha uPetros ngokuba kufuneke ukuba abafundi bakhe bayiphulaphule into ayibhalayo? Bona nakuYohane 21:15–17.

Ku-2 Petros 3:1, 2, uPetros ubakhumbuza ngamazwi aphefumlelweyo awafika ngaphambili "kubaprofeti abangcwele." Ngaloo ndlela, wayebakhombisa emva eBhayibhileni, kwiTestamente eNdala. Wayebakhumbuza ukuba babenalo "nelona lizwi liqinisekileyo lobuprofeti" (2 Pet. 1:19). Wayefuna kucace ukuba iinkolo zabo zazimile eLizwini likaThixo. Akukho nto kwiTestamente eNtsha ethethelela ingcamango yokuba iTestamente eNdala yayingasasebenzi okanye yayibaluleke kancinane. Kwelinye icala, bubungqina beTestamente eNdala obunceda ukumilisela ukuxabiseka kweNtsha kunye namabango uPetros awayewenza ngoYesu. Noko kunjalo, kuninzi okukhoyo. UPetros umilisela umgca ocacileyo "wabaprofeti abangcwele" beTestamente eNdala kwigunya lakhe njengompostile weNkosi noMsindisi." Wayibeka yacaca into yokuba wazuza ubizo oluvela eNkosini ukuba enze oko wayekwenza. Akumangalisi ukuba athethe ngokuzimisela nengqiniseko enjalo. Wayesazi ithende lesigidimi sakhe.

Kungani ukuba iLizwi likaThixo, hayi inkcubeko okanye eyethu imbono okanye ukuzathuza, kufuneka libe ligunya eligqibelayo ebomini bethu? (Ngapha koko, besingayigcina ngasiphi isizathu iSabatha yomhla wesixhenxe ukuba bekungengalo iLizwi likaThixo?)

Abagxeki

Emva kokuzama ukwenza abafundi bakhe ukuba "[ba]khumbule amazwi abethethiwe ngenxa engaphambili ngabaprofeti abangcwele, nawo umthetho wabapostile bethu beNkosi uMsindisi" (2 Pet. 3:2), uPetros ufikelela kwesona silumkiso sakhe singqalileyo. Mhlawumbi, ngokwazi ubungozi bale mfundiso ukuba buya kuba njani, wazama ukubaqononondisa ngegunya awayebhala ngalo.

Funda 2 Petros 3:3, 4. Zithini iingxoxo eziya kubekwa ngabagxeki bokubuya kukaKristu?

Kukho ukufana okubalulekileyo phakathi kwabo baphakamisa inkululeko yobuxoki kunye nabo bathetha ngokungakholelwa ekuBuyeni kwesiBini. Iqela lokuqala "[nga]balandela inyama ngokukhanuka ukuzidyobha" (2 Pet. 2:10); kanti abo bakhanyela ukubuya kukaKristu ingabo "[ba]hamba ngokwezabo iinkanuko," (2 Pet. 3:3).

Asikuko ukungqubana nje ngengozi okwenza ukuba iimvakalelo zesono zikhokhele kwiimfundiso zobuxoki, akunjalo?

Abagxeki, walumkisa, baya kubuza imibuzo ethe ngqo: Liphi na kaloku idinga lokufika kwakhe?" (2 Pet. 3:4). Ngokwenza njalo, baya kuba befuna umngeni kwinkolo ekudala imi yamaKristu yokuba uYesu uya kubuyela kulo mhlaba, kungekudala. Ngapha koko, ngakumbi kuba uthetha ngemihla yokugqibela, aba bagxeki baya kuza nobungqina obungaphikekiyo bokuba amaKristu amaninzi afa, zaye izinto ngokwenene ziqhubeka ukwenzeka njengoko bezisoloko zinjalo. Apha ngaphezulu, asingumbuzo ungenangqondo. No-Enoki ongcwele, ngokubhala kuka-Ellen G. White, wabona ukuba amalungisa nabakhohlakeleyo "baya kubuyela eluthulini kunye, ibe sisiphelo sabo esi" (Amanyange Nabaprofeti, iph. 85), yaza yamkhathaza loo nto. Ukuba u-Enoki, owayephila phambi koNogumbe, wazamana nalo mbuzo, bekungabeka phi kwabo baphila amawaka eminyaka emva koko, kude kuse kwimihla "yokugqibela?" Kutheka ni ke ngathi namhlanje, njengaBalindi? Igama nje lethu likhuthaza ingcamango yokubuya kwesibini kukaKristu. Kanti ke, akakabuyi. Ewe, sikhangelene nabagxeki, kanye njengoko uPetros wakuxela kwangaphambili.

Kwawakho amava okholo, uyithini le nto yokuba uKristu engekabuyi? Yiza nempendulo yakho eklasini ngeSabatha.

Iminyaka Eliwaka Njengemini Enye

Ku-2 Petros 3:8–10, uPetros uphendula njani kwingxoxo eya kuziswa ngabagxeki? Yintoni ayithethayo enokusinceda nangoku ukuba siqonde ukuba kutheni uKristu abe akakabuyi?

UPetros uphendula umba wendalo engaguqukiyo yehlabathi. Ukhumbuza abafundi bakhe ukuba asiyiyo inyaniso into yokuba ihlabathi lihleli lingazange laguquka seloko ladalwa. (Phawula indlela uPetros abuyela ngayo emva eLizwini likaThixo njengethende kwanegunya.) Lalike lakho ixesha lenkohlakalo enkulu, ekwathi emva kwalo uThixo wawutshabalalisa umhlaba ngoNogumbe (2 Pet. 3:6). Ngokwenene, uNogumbe wazisa inguquko enkulu emhlabeni, esekho phakathi kwethu nanamhla. Uthi ke uPetros, intshabalalo elandelayo iya kuba ngomlilo, ingabi ngamanzi (2 Pet. 3:10).

UPetros wabhala, “Phambi kweNkosi imini enye injengeminyaka eliwaka, neminyaka eliwaka injengemini enye” (2 Pet. 3:8). Ngokutsho oku, uPetros unokuba wayekhangele kumazwi eNdumiso 90:4: “Ngokuba iwaka leminyaka emehlweni akho linjengemini yezolo, xa idlulileyo, linjengomlindo wasebusuku.” Ngamanye amazwi, imbono yethu yexesha ayifani nekaThixo; ngoko ke, sidinga ukulumka ekugwebeni esikwenzayo ngexesha.

Ngokubona kwabantu, kubonakala ngathi kukho ukulibazisa ekubuyeni kukaKristu. Phofu, sizikhangele izinto kuphela ngokubona komntu. NgakwelikaThixo icala, akukho kulibazisa. Kakuhle, uPetros uthi elo xesha longeziweyo linikwe kuba uThixo ebonisa umonde waKhe. Akangi kungatshabalala nabani (2 Pet. 3:9). Ixesha elongeziweyo, ke ngoko, livunyelwe ukunika ithuba kwabaninzi ukuba baguquke. Kanti ke, uPetros uyalumkisa, ukuba umonde kaThixo ungathatyathwa njengethuba lokubekela ixesha elizayo isigqibo ngoYesu. Imini yeNkosi iya kufika ingalindelwanga njengesela ebusuku. Isela eliza ebusuku lilindele ukuthubeleza lichwechwe liphume lingabonwanga. Nangona ke imini yeNkosi iya kufika njengesela, ngokuqinisekileyo iya kubonwa. Njengoko atshoyo uPetros, “liya kuthi ngayo izulu lidlule liqhuqhumba, zithi iziqalelo zitshe, zichithakale” (2 Pet. 3:10). Ngoko ke, isigidimi sikaPetros sifana nesikaPawulos: “Yabonani, lingoku ixesha elamkeleke kakuhle; yabonani, ungoku umhla wosindiso” (2 Kor. 6:2).

Ke, Makuthini?

Enye indodana yakha yazama ukwenza ubungqina kunina. Yamxelela ngokufa kukaYesu kunye nesithembiso sokubuya kwaKhe. Yayizithanda, icinga ukuba icikoze ngokwaneleyo. Yathi yakuyigqiba intshumayelwana yayo ngoYesu nokuBuya kwesiBini, unina wayikhangela wathi, "Ke, loo nto inantoni yokwenza nam ngoku?"

Funda 2 Petros 3:11–13. UPetros wawuphendula njani umbuzo onje, "Ke loo nto inantoni yokwenza nam ngoku?" Bona Mat. 24:43–51.

Njengoko besitshilo, igama lethu, "ABalindi Bokuza Kwesibini KukaYesu Abagcina ISabatha Yomhla Wesixhenxe" lityhila inkolo yethu kubunyaniso bokubuya kukaKristu. Le mfundiso isisiseko; inkolo yethu yobuKristu ibiya kuba ngamampunge ngaphandle kokubuya kukaKristu nako konke okukuthembisayo. Phofu, asikho engozini yokuba njengomkhonzi okhohlakeleyo kumzekeliso, kaMateyu 24:43–51? Sisenokungenzi kanye ububi obuzotywe kula mzekeliso, kodwa into ayikho apho (ngumzekeliso kakade). Endaweni yoko, into umzekeliso osilumkisa ngayo yile yokuba, kungaba lula ukuthoba umgangathho wethu, ngakumbi ngendlela esiphatha ngayo abanye, sisuke sifane nehlabathi ngokungabi nakutshiseka kwinkolo yethu yokubuya kweNkosi.

Ngokuqinisekileyo, ngoku, njengangoko, sijongene nabo bathi, benemifanekiso yabo nokubala isiprofeto, sibange ukuba sinawo umhla wokubuya kukaKristu. Okuyingozi kakhulu okujongene naBalindi, asikuba babeka imihla yokubuya okukhawulezileyo kukaKristu, koko, ingozi yeyokuba, ngokudlula kweminyaka, isithembiso sokuBuya kwesiBini sisuke sidlale indawo encinane kakhulu ekucingeni kwethu. Ewe, okona silapha ithuba elide, okona sisiya sisondela ekuBuyeni kwesiBini. Kwelinye icala, okona silapha ithuba elide, okona kuba lula kakhulu ukucinga ngokubuya kwaKhe njengento ekude kangangokuba kude kungabi nagalelo ebomini bethu bemihla ngemihla. IsiBhalo siyalumkisa ngakolu hlobo lokuhlala silibale. NgokukaPetros, ukuba uYesu uza kubuya, size thina sijongane nomgwebo, amaKristu amele ukuphila ubomi bobungcwele nobokuhlonela uThixo (2 Pet. 3:11). Ukuqiniseka kokuBuya kwesiBini, nokuba kwenzeka nini, kumele ukuba negalelo kwindlela esiphila ngayo ngoku.

Ingqiniseko yokuBuya kwesiBini kunefuthe elingakanani ebomini nasekucingeni kwakho kwamihla le? Ukuba kukho nto yimbi, ithini impendulo yakho ngobomi bakho kunye nokholo lwakho?

Isibheno Sokugqibela

UPetros uyivala ileta yakhe ngomxholo oye watyhutyha kususela ekuqaleni: ukuphila ubomi obungcwele nokulumkela ukungalahlekiswa "lulahlekiso lwabangenammiselo" (2 Pet. 3:17).

Funda 2 Petros 3:14–18. Ubhena kubani uPetros, iyintoni alumkisa ngayo kwesi sibheno sakhe?

Kwenza umdla omkhulu ukuba uPetros ayivale ileta yakhe ngesibheno kwimibhalo "[yo] yintanda uPawulos" (2 Pet. 3:15). UPawulos wabhala ngentswelo yokuhlalisa eluxolweni lo gama kulindelwe ukubuya kwesibini kukaYesu, nokulisebenzisa ixesha ekuphuhliseni ubomi obungcwele (bona Rom. 2:4, Rom. 12:18, Phil. 2:12). Qaphela kwakhona indlela uPetros abhekisa ngayo kwimibhalo kaPawulos ebonisa ukuba imibhalo yakhe uPawulos yayixatyiswe kakhulu embalini yobuKristu. Ebhekisa, engabhekisi, uPetros kuko konke okubhaliweyo nguPawulos okufunyanwa kwiTestamente eNtsha ngoku okanye inxenye yako, kunzima ukugqiba. Noko kunjalo, iingcaciso zikaPetros zibonisa ukuba iileta zikaPawulos zazixatyiswe kakhulu.

Ekugqibeleni, uPetros uchaza ukuba okubhalwe nguPawulos kungakrunwa, njengezinye iziBhalo. Igama lesiGrike u-grapha lithetha "izinto ezibhaliweyo," kodwa ngokwalapha, kuthetha "imibhalo engcwele," njengeencwadi zikaMoses nabaprofeti. Apha kubonakala ubungqina basekuqaleni kakhulu bokuba, imibhalo kaPawulos yayinegunya njengegunya leBhayibhile yesiHebhere. Xa ke siqwalasela oko sikufunde ekuqaleni ngabafundisi ababuxoki abathembisa inkululeko, akukho nzima ukucinga ngabantu besebenzisa imibhalo kaPawulos ngenkululeko nobabalo ukuzithethelela ekuziphatheni ngokwesono. UPawulos ucinezela ngamandla ubulungisa ngokholo kuphela (bonaRom. 3:21, 22), kodwa akukho nto emibhalweni yakhe enika abantu imvume yokona (bona Rom. 6:1–14). UPawulos ngokwakhe kwakufuneka ajongane nale mposiso ngokubhekiselele koko wayekushumayela ekufundisa ngobulungisa ngokholo. Kanti ke, uPetros uyalumkisa abo bayijikayo imibhalo yakhe ukuba bakwenza oko kuba "bazigqwethele kokwabo ukutshabalala" (2 Pet. 3:16).

Kokuphi ukukhetha onokukwenza ngoku okunokuthi kukuncede ukuba uphile uhlobo lobomi esibizelwe ukuba sibuphile kuKristu Yesu?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Ngokukokwethu ukubona, kungabonakala ngathi ukuBuya kwesiBini kulibele kakhulu. UYesu, ngokucacileyo, wayesazi ukuba siya kuvakalelwa ngale ndlela, waza, kweminye imizekeliso, wasilumkisa ngakwizinto ezinokwenzeka ukuba asikhange siqaphele silinde ngeli xesha. Thabatha umzekeliso wabakhonzi ababini kuMateyu 24:45–51, (okhankanywe kwisifundo sangoLwesithathu). Bobabini babelindele ukuba inkosi yabo ibuye. Baya bafikelela kwizigqibo ezibini ezahlukeneyo ngokubuya kwayo. Omnye wagqiba ukuba akulungele ukubuya kwenkosi yakhe nangaliphi ixesha. Omye wathi, inkosi yakhe iyalibala, wakuthabatha oku njengethuba lokuziphatha gwenxa. "Kuba singalazi elona xesha liqinisekileyo lokufika kwaKhe, siyalelwa ukuba silinde. 'Banoyolo abo bakhonzi, eyothi yakufika inkosi ibafumane belindile.' Luka 12:37. Abo balindele ukufika kweNkosi abalindelanga ngelize. Ukulindela ukufika kukaKristu kumele ukumenza umntu ukuba ayoyike iNkosi, bazoyike izigwebo zaKhe kuboni. Kumele ukubaphaphamisela kwisono esikhulu sokwala izipho zaYo zenceba. Abo balindele iNkosi bazenza nyulu emphefumlweni ngokuyithobela inyaniso."—Ellen G. White, *The Desire of Ages*, p. 634.

Imibuzo Yokuxoxwa

1. Eklasini, xoxani impendulo yenu yombuzo wangoMvulo ongokuBuya kwesiBini. Zeziphi iindlela ezithile esingawuphatha ngazo umcimbi wokuba uYesu engekabuyi? Singafunda ntoni kwiimpendulo zabantu ngabanye?

2. Zeziphi iimfundiso, izenzo neenkolo esinazo njengaBalindi ezingaphumi kwinkcubeko okanye kuzathuzo okanye kwisithethe kodwa kuphela eLizwini likaThixo?

3. Njengoko sibonile ebudeni beveki, uPetros ehlanganisa imikhwa yesono kunye nemizwa nemfundiso yobuxoki. Isifundo siye sanentetho ethi: "Asikuko ukugagana nje ngengozi okwenza ukuba imizwa yesono ibe nokusikhokelela kwiimfundiso zobuxoki, akunjalo?" Kutheni ingekuko ukugagana nje? Anokuba ayintoni amakhonkco phakathi koku kubini [imizwa yesono neemfundiso zobuxoki]?

4. U-Albert Einstein wabeka phambi kwehlabathi ingcamango yokuba ixesha liyinto engabambekiyo. Oko kuxhomekeka kwindawo oya kuyo nokuba ukhawuleza kangakanani, ixesha ngokukokwakho liya kwahluka kwelomnye owenza enye into. Ithi le nto, ixesha liyinto empunyumpunyu, laye lisebenza ngendlela esingekhe siyiqonde ngokupheleleyo. Ingasinceda njani le ngcamango ukuba siqonde ukuba ixesha kuThixo alifani nakuthi, ngakumbi kwimeko yokuba uKristu engekabuyi?

Notes